Isalathiso: 20201021-8959
Inombolo yefayili: 9/8/7
Imibuzo: E Stofile

INgcaciso eMfutshane ye-*eLearning*: 0003/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET* nakuBacebisi ngeZifundo, kwiNqununu nakooTitshala kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezifundisa izifundo ze-*FET*

Isihloko: Ukufikelela kwizifundo zevidiyo yekhompyutha yezifundo zeMfundo noQeqesho oluQhubekayo (*Further Education and Training* (*FET*)) kwi-*DigiCampus digital hub*

1. I-*DigiCampus* yi-*digital hub* (eyiplatfom yekhompyutha) enelayibrari yezifundo zeevidiyo ebanzi nekhulayo yawo onke amabakala noninzi lwezifundo zeNkcazo yoMgaqo-Nkqubo weKharityhulam noVavanyo *(Curriculum Assessment Policy Statement*) kuzo zombini iilwimi, isiNgesi nesi-Afrikansi.

2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) lakhe ubuhlakani ne-*DigiCampus* ukwenzela ukuba esi sibonelelo sikwikhompyutha sifumaneke kubo bonke abafundi nootitshala abakwizikolo eziziisekondari nakwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ze-*FET band* (AmaBakala 10-12). Oku kubonelelwa ngaphandle kwentlawulo kubasebenzisi yaye isibonelelo sisemthethweni kude kube ngo-Apreli 2021.

3. Esi sibonelelo sijolise ekunikeni inkxaso kumathuba okufunda adityanisiweyo nasephuculeni ukufundisa nokufunda ekhaya okanye esikolweni.
   Ezi zibonelelo zisekelwe kwividiyo zinako ukusetyenziswa njengenxalenye yeeklasi zokuleqa ukwenza umsebenzi, ngeenjongo zokurivayiza okanye ngokwendlela ekhokelwa ngootitshala bezifundo.

4. **Ukufikelela kwizifundo zevidiyo kwikhompyutha:**

a) Yiya kwi-*ePortal* yeSebe i-*WCED* (*WCED ePortal*) (www.wcedeportal.co.za) yaye ulandele amanyathelo angezantsi.

b) Klikha kwi-***Learners*** *Tab*, usikrole uye kwimenyu i-***Wonderful Websites*** kwaye uklikhe kwi-linki ye-***DigiCampus***.

c) Okanye, skena ikhowudi i-*Quick Response* (*QR*) okanye ngena kule linki https://wc.lateralscaffolding.com/digilogin.

d) Abasebenzisi abaqalayo kufuneka babhalise kwi-*login screen*.

5. **Indlela yokubhalisa:**

a) Kunikwe isikhokelo esinika inyathelo nenyathelo ukuncedisa abasebenzisi xa bebhalisa njengabasebenzisi abatsha. **(Funda isiHlomelo A)**

b) Kunikwe izikhokelo zenyathelo nenyathelo levidiyo ngeelwimi ezintathu ezisemthethweni zaseNtshona Koloni, ukuncedisa abasebenzisi ukubhalisa okokuqala. Khetha ividiyo yolwimi oluthandayo kwilinki engezantsi okanye uskene ikhowudi i-*QR*:

https://wcedeportal.co.za/node/164546 (Afr.)	https://wcedeportal.co.za/node/164541 (Eng.)	https://wcedeportal.co.za/node/164566 (Xho.)
Isi-Afrikansi	IsiNgesi	IsiXhosa

6. Ngengcaciso engaphezulu, kucelwa uqhagamshelane neKomiti yaBacebisi be-*eLearning* (*eLearning Advisers' Team*) abakwisithili sakho. **(Funda isiHlomelo B)**

7. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala nabafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2020-10-29